



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2019

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-10.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 ISICATSHULWA A

- 1.1.1 Yindlela loo nto ithile eyenziwe ngayo√/sisitayile esikhoyo ngelo xesha sokunxiba, sokuziphatha okanye sokwenziwa kwezinto ezithile.√
[Nayiphi kwezi] (1)
- 1.1.2. D√/D yokuquka izinto√/yokuquka izinto.√ (1)
- 1.1.3. Isisiphumo sengcingane ehlupheze ingqondo yomntu.√ (1)
- 1.1.4 (a) Yifashoni kunye nezinto ezikhoyo ebomini.√ (1)
(b) Ngokuba zombini zisekwa ngeenjongo.√ (1)
- 1.1.5 ... ayizizo zonke ...√ (1)
- 1.1.6 Lifuthe leenguqu elenzeka kwizithethe neenkolelo zabantu.√ (1)
- 1.1.7 Ifuthe leenguqu√/izithethe√/iinkolelo√/kwinkcubeko√ ubuhle bendalo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.8 Isinxibo somntu nezenzo zakhe zilawulwa ziimbono zakhe malunga nemiba yobomi√√/amaxesha amaninzi umntu unxiba ngokwepokotho yakhe√√/izenzo zomntu zibonakalisa izinto azixabisileyo.√√ (2)
- 1.1.9 Yindlela abathe bayitolika ngayo ifashoni.√ (1)
- 1.1.10 Ukuba isigqibo esithathwa ngabantu siphuma kubo√/isigqibo basithatha ngokweembono zabo bengaxelelwanga mntu.√ (1)
- 1.1.11 ... nabahluphekayo√/nabasokolayo√/nabasweleyo√/
nabanzinyelweyo√/nabangenanto√/namahlwempu.√ (1)
- 1.1.12 Kunxibelelwano.√ (1)
- 1.1.13 Ulutsha lunobuchule bokusebenzisa ubugcisa betekhnoloji√/
kungokuba lulo olutsala iintambo kwimiba ebhekiselele kwifashoni√/kungokuba aloyiki ukuqala izinto ezintsha√/
kungokuba lulinga zonke ezingaqhelekanga ngokuzithemba. √
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.14 Isihloko sithetha ngokuba bubugcisa ifashoni, ukuze buvele ubugcisa kulo mhlathi buboniswa yimfuneko yokungqamana kokunxiba kunye nokulindeleke entlalweni√√/ukufaneleka kokunxiba√√/ukunxiba ngenjongo yokutsala uthando.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)

- 1.1.15 (a) Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)
- 1.1.16 Kuyayiguqula kuba ndifunde ukuba ukuleqa izinto zefashoni kumosha imali kuba ziyaphelelwa lixesha. √√

OKANYE

- Akuyiguquli kuba ndithanda kanye ukutshintsha kwefashoni. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.17 Kukutyhila ifuthe lefashoni entlalweni yabantu nendlela etshintshatshintsha ngayo ngenxa yefuthe lentlalo√√/kukwazisa ukuba ifashoni isekelwe kubugcisa babantu neemfuno zoluntu kwaye iphenjelelwa ngakumbi bubukho betekhnoloji√√/kukuthoba amaxhala abanawo abantu ngefashoni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

[24]

1.2 ISICATSHULWA B

- 1.2.1 Uchebe isitayile senwele sangoku√/ibhululukhwe eyenziwe yaneendawo ezikrazukileyo√/ibhegi exwaywa ngabantwana kutsha nje√/isinxibo esingahluliyo ukuba sesenkwenkwe okanye sesentombazana√/ukuhamba ethetha efowunini√/iiteki azinxibileyo√/ithathu esengalweni yakhe√/unyaka wama-2017 obhalwe ezantsi kwakhe√/ibhlukhwe impitsile.√
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 1.2.2 Umntwana ngamnye wenziwe wamela ifashoni yexesha ngalinye√√/ungqamanise ukungafani kokunxiba ngokweminyaka.√√ (2)
- 1.2.3 Ngowokuba ifashoni iyawuhlala itshintsha ngokokuhamba kweminyaka.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

[6]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
 - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO
1.	'Yikhethe ngobunono eyona nto ufuna ukubayiyo ebomini ...	1.	Yiba nobuchule bokukhetha into oyifunayo ebomini.
2.	... uze uzidibanise nabantu abahambisana ncakasana nombono wakho wobomi bengenazinjongo zakukulahlekisa.	2.	Zayamanise nabantu abawuxhasayo umbono wakho.
3.	'Yiba neliso lokwahlula okukusebenzelayo kokungakusebenzeliyo ... usithatha lula isigqibo esitsha.'	3.	Zithathele ingqalelo uzibone izinto ezinokukuxaka ukuze ungoyiki ukuthatha isigqibo esitsha zakutshintsha iimeko.
4.	'Beka bucala ixesha olichitha nosapho nezihlobo ngokuthi ubenesicwangciso sokuzikhupha ninonke ... xa unesicwangciso akulula ukushenxa kuso.'	4.	Likhusele ngesicwangciso ixesha olibekele ukuzonwabisa nosapho kunye nabahlobo, ungavumi ukuba lichaphazeleke.
5.	'Qiniseka ngesiqu sakho ukhusele izinto ezizezexabiso kuwe ... Ukulichithela kwizinto ozithandayo ixesha lakho kungakulola ude uphumelele kuzo.'	5.	Zimisele ukuchitha ixesha lakho ngokwenza izinto ezikonwabisayo nozithandayo.
6.	'Zicime izixhobo zakho zetekhnoloji xa usenza into ekuzisela ulonwabo ... kungekho nto ikuphazamisayo.'	6.	Zicime izixhobo zetekhnoloji ezinokuthi zikuphazamise, ujongane nento enye ngexesha.
7.	'Zonke izicwangciso zakho mazilawulwe lixesha ozisikele lona ukuze zifezeke ... ulayamanisa nexesha odinga ukulithatha ukuze lifezeke.'	7.	Zisikele ixesha izinto ofuna ukuzenza ukuze uziphumeze kwangexesha ezilibekelweyo.
8.	'Zakhele inethiwekhi engqingqwa yabahlobo nabaxhasi ... iya kukunceda kakhulu ngamaxesha anzima.'	8.	Yiba nabahlobo abakwiindawo ngeendawo ukuze bakuncede xa udinga uncedo.

[Naziphi iingongoma ezisi-7 kwezi]

[90 amagama]

[69 amagama]

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

[10]

AMANQAKU ECANDELO B:

10

ICANDELO C: ULWIMI

Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
 - limpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpindulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impindulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impindulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impindulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3

- 3.1 Yiyogathi eyiBliss eyidouble cream√/yiBliss yogathi.√
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 3.2 Way better world.√ (1)
- 3.3 B √/B liyayalela√/liyayalela.√
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 3.4 Liqunube√/yitshokholethi√/yidouble cream.√
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 3.5 Zifumanele√/Eyakho.√ (1)
- 3.6 Elokwenza ukuba umthengi azive eyingcamla esiva ubumnandi nokutyibilika kwayo le yogathi abenomdla wokuyithenga.√√ (2)
- 3.7 Ungavimb'umakhulu esifa ngamehlo.√ (1)
- 3.8 Siyithengisa ngokuthimbayo kuba umthengisi usebenzise ulwimi lokuwexula iingqondo zabantu ukuze bayithenge le mveliso kwaye esi sibhengezo sichaza konke ngayo.√√

OKANYE

Asiyithengisi ngokuthimbayo kuba asinanto siyivezileyo malunga nempilo/ixabiso elithimba ngayo.√√
[Nayiphi impindulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)
[10]

UMBUZO 4

- 4.1 C√/C isaqhuba√/isaqhuba. √ (1)
- 4.2 Ngokwesakhelo sesi-2 u'ngomso'ubhekisa kwixesha elisenokuthi kanti likude kakhulu√ kodwa ngokwesakhelo sesi-4 ubhekisa kwixesha elikufutshane.√ (2)
- 4.3 Ubuchule bokuthetha angayeki√/ubuchule bokucaphula amazwi omntu ongaziwayo√/ukusebenzisa igama 'ngomso' ngobuchule.√ (1)
- 4.4 Uyamphoxa kuba uzenza ngathi uyancoma, uthi ulichule ibe intetho elandelayo yona ibonakalisa ukuba ulichule nje lokuthetha hayi elokwenza.√√ (2)
- 4.5 Umangele/umangalisiwe√ kuba unobuso obunye obunembonakalo yokumangala ukusuka kwakwisakhelo soku-1.√/Udikiwe√ kuba unobuso obunye obunembonakalo yokudikwa ubeke isandla esilevini.√/udanile/ uphoxekile√ kuba uthethe kwakanye ukusuka kwisakhelo sokuqala ukuya kwesokugqibela√/kuba isandla sakhe oko sixhase ubuso bakhe kwaye kwisakhelo sesi-3 ude wayekelela nobuso.√ (2)
[Nayiphi kwezi.]
- 4.6 Akaphumelelanga kuba akatshintshi uMpho kule mbono yakhe yamangomso akude.√√

OKANYE

Uphumelele kuba noko lo wokugqibela u'ngomso' unika ithemba leveki ezayo ngokwahlukileyo kulo wokuqala ubengenamida.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Ukuthetha.√ (1)
- 5.1.2 B √/B ukuncoma√/ukuncoma.√ (1)
- 5.1.3 Ukucaphukeleka√/ukonyanyeka√/ukuthiyeka.√ (1)
- 5.1.4 Bona.√ (1)
- 5.1.5 Sele uwedwa.√ (1)
- 5.1.6 (a) thaa√(b) silandela isenzi u- thi√/sandulelwa sisenzi u-thi.√ (2)
- 5.1.7 Yeyobuhle obungatshintshiyo√√/into evela engqondweni inobuya buhle bayo bangaphambili√√/ ubuhle eyaziwa ngabo.√ (2)
[Nayiphi kwezi.]
- 5.1.8 Abantu bayazithanda ezo nto bacinga ukuba zintle.√ (1)

- 5.1.9 Bebona ngokubona√√/amehlo engaphakelani.√√ (2)
- 5.1.10 (a) Isihlomelo sendawo/isalathandawo√ (b) isibizo.√ (2)
- 5.2 5.2.1 Umntwana ukonwabele ukunxiba ifashoni√√/ ukonwabele ukunxiba ifashoni umntwana.√√/ Umntwana ukunxiba ifashoni ukonwabele.√√ (2)
- 5.2.2 Ndiyahamba nam andinakushiyeka ndedwa apha ekhaya.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 5.2.3 Iindondo zomntwana zezi zisefashonini.√ (1)
- 5.2.4 Umama makayigcine ifoto yesitayile somntwana ukuze ayibone akubamdala.√ (1)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80